
Ifikile imini ekade ixelwa.
Kuza kudlalwa!

I-Chiefs ne-Aces ebaleni!

Yiza kubukela!
Yiza nevuvuzela yakho!







Makhosi amahle, indebe mayilale ekhaya!

Ndifuna sisebenzisane, ukuze siyohlule i-Aces.


Kufuneka sihlasele ngobuchule, siqaphele sabelane ngebhola.


Gqithisa, gqithisa Portia, Modise!

Nqanda, nqanda Jomo!

Nantso ke, nantso ke,
mayiye ezipalini!

Po-o-o-o! Po-o-o-o!
Po-o-o-o! Yavakala ivuvuzela!






Nidlale kakuhle Makhosi amahle.


Nihlasele ngobuchule.
Niqaphele, kwaye nabelene
ngebhola.

Nisebenzisene.

Ezandleni!

‘Ezandleni Makhosi, ezandleni!’ watsho encoma umqeqeshi u-Coach.






Owu! Sidiniwe. Kodwa, bekumnandi ukuziqhelisa.


Siza kudlala nini kanene Coach?

Ifikile imini ebikad'ixelwa!
U-Coach usiphathele isinxibo.

Halala Makhosi, halala!
Kuza kudlalwa!

Ngeyethu indebe, ngeyethu!
Po-o-o-o-o! Po-o-o-o!
Po-o-o-o-o! yavakala ivuvuzela.





Asisesihle isinxibo sethu!

Siyabulela Coach.

Ungumqeqeshi wokwenyani!

